Isalathiso: 20210514-3008
Inombolo yefayili: 13/8/3
Imibuzo: CA Berry

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0004/2021

Iya: KwiNtsumpa-Jikelele, kumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kwiiNtloko zamaziko nakuBaphathi bamaZiko alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke, ezeSatifikethi seMatriki kunye neze-*AET L4*

Isihloko: **Ukuqeshwa kwenkampani yekhuriya entsha yokuziswa nokuthathwa kwmathiriyeli nezinto ezinxulumene noviwo**

1. Ukwenjenje kwaziswa iinqununu zezikolo/abaphathi bamaziko okubhalela iimviwo ukuba iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) likhethe ukuthatha inxaxheba kwimvumelwano ebandakanya amaziko amaninzi (*transversal contract*) (*RT5-2020*) eyaqukunjelwa yi-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke.

2. Le ngcaciso imfutshane ilungiselelwe ukwazisa iinqununu/abaphathi bamaziko ngotshintsho kwinkampani yekhuriya eya kusebenza kuwo onke amaziko karhulumente nazimeleyo eemviwo xa kuqaliswa ngeemviwo zangoMeyi/Juni 2021 zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke, iSatifikethi seMatriki kunye nezeMfundo noQeqesho lwaBadala iNqanaba 4.

3. Imvumelwano nomboneleli-nkonzo wangoku, i-***Courierit SA (PTY) Ltd***, **iphele** nge-31 Matshi 2021.

4. ISebe i*WCED* ngoko ke lingene kwimvumelwano yeenkonzo ne***Madibana SA (PTY) Ltd*** ukulungiselela ukuthumela ngekhuriya izinto ezinxulumene noviwo ukuya nokubuya kumaziko okubhalela uviwo.

5. Ngenxa yoku, kucelwa iinqununu ziqinisekise ukuba **akukho** nanye kwizinto ezinxulumene neemviwo (amaphepha emibuzo, iincwadi zeempendulo, izikripthi zeempendulo, izinto zokubhala uviwo) ezithunyelwa kwiSebe i*WCED* ngayo nayiphi na enye inkampani yekhuriya ngaphandle kwe*Madibana SA (PTY) Ltd*.

1 North Wharf Square, 2 Lower Loop Street,
Foreshore, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2265 Fax: +27 21 483 7658

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
Safe Schools: 0800 45 46 47
wcedonline.westerncape.gov.za

6. Ukuthembakala kweemviwo zikazwelonke kufuneka kukhuseleke ngawo onke amaxesha ukuqinisekisa ukuqhubeleka kwezinto ngethuba leenguqu, kubaluleke gqitha ukuba iSebe i*WCED* ligcine imimiselo yezokhuseleko neyamalungiselelo angoku

7. Abaqhubi beekhuriya, kwakunye nabancedisi babo, baya kuqatshelwa ngokubonakalayo ngeleta ebanika imvume, ngekhadi lokuzazisa nangendlela yokunxiba ethile. Inqununu/umphathi wezikolo unokucela ileta yokunika imvume esuka kumqhubi ngalo naliphi na ixesha xa besisa okanye besiyokuthatha izinto zokubhala uviwo.

8. Kuphela ngamaphetshana okuziswa kweempahla ekhuriya aseMadibana **ekufuneka** esetyenzisiwe xa kuthunyelwa amaxwebhu anxulumene noviwo kwiCandelo loLawulo lweeMviwo, ngoko nangoko. Amaphetshana okuhambisa iimpahla aya kuba nenombolo ye-akhawunti entsha yaye kuya kubonelelwa ngawo kuzo zonke iinqununu/abaphathi bamaziko kwakunye nomthwalo oqulethe izinto zokubhala uviwo (*examination stationery*).

9. Kucelwa ukuba kuqhagamshelwane nala magosa alandelayo ukufuna ingcaciso okanye ngemibuzo:

    - UNksk Shelva Willoughby: 021 467 2923
    - UMnu Clive Berry: 021 467 2265
    - UMnu Alistaire Gietzmann: 021 467 2987

10. Amanye amalungiselelo okhuseleko, okuziswa nokuthathwa kweempahla aya kwaziswa kuwo onke amaziko ukuze awathathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-05-18